



Iingcebiso zokwabelana ngeencwadi neentsana kunye nabantwana abasabhadazayo

Akukho ndlela ilungileyo nengalunganga yokusebenzisa iincwadi neentsana kunye nabantwana abasabhadazayo. Okubalulekileyo kukonwabela ixesha enilichitha nikunye, kwakunye nokulandela isikhokelo abasinikayo ngokuphathelele kwisigqibo sokuba yintoni na eninokuyizama elandelayo.

Xa unako, khetha iqela leencwadi ezahlukileyo ezingolwimi okanye iilwimi zomntwana zasekhaya. Khetha amabali athile anabanye abantwana njengabalinganiswa kwakunye nalawo angeentsapho kunye namava azo emihla ngemihla. Iincwadi zezicengcelezo kunye neencwadi ezinoqweqwe zezona zithandwayo ngabantwana abasabhadazayo.

Yiba nexesa elininzi lokudlala nityhila-tyhila iincwadi uze ufunde iincwadi ezizezona zithandwayo ngumntwana wakho, uziphindaphinda!

Ziphumlele uhlale kamnandi usingathe umntwana wakho, okanye ahiale ecaleni kwakho, xa nisabelana ngeencwadi.

Yabelanani ngeencwadi nikunye ixesha elifutshane okanye elide kangangoko nifuna nobabini. Akukhathaliseki ukuba nifunde ixesha elide kangakanani – kwaye aninyanzelekanga ukuba niyifunde niyiqqibe ngaxeshanye incwadi!

Wutsalele emifanekisweni umdla wabantwana bakho nize nincokole malunga neengcingane

okanye iingqikelelo, abalinganiswa nokuba kwenzeka ntoni na encwadini. Yolatha kumlinganiswa okanye into esencwadini uze utsho ukuba ngubani okanye yintoni nokuba wenza okanye yenza ntoni na.

Buza imibuzo malunga nokuba kwenzeka ntoni na encwadini. Yiphendule ngokwakho okanye uvumele umntwana wakho ayiphendule, xa ngaba uyakwazi kwaye uyafuna ukuyiphendula imibuzo leyo.

Yiphulaphule ngenyameko into ethethwa ngumntwana wakho uze umphendule. Oku kwenza ukuba le ncoko ibe nomdla kuni nobabini kwaye ikwanceda nokupuhhlisa ulwimi lomntwana wakho.

Wolathe amagama njengokuba uwafunda nje. Oku kunceda umntwana wakho afunde ukuba athini loo magama kwaye “avela phi na” la wona uwathethayo.

Yenza izandi neengxolo ezenziwa ngabalinganiswa okanye izinto evisencwadini.

Ukuba umntwana wakho ukhangeleka engenambla, musa ukunikezelu! Phinda uzame kwakhona ngelinje ixesha, okanye ngenye indlela – okanye zama enye incwadi.

Ukuvuselela isakhono sabantwana ngokubabalisa amabali nokubafundela

www.nalibali.org

@nalibaliSA nalibaliSA info@nalibali.org

